Wes-Kaapse Provinsiale Parlement
Western Cape Provincial Parliament
IPalamente yePhondo leNtshona Koloni

ISIMEMO SOTYUMBO UKUZALISA IZITHUBA KWIKHOMISHONI YEZENKCUBEKO YENTSHONA KOLONI

IKomiti eSisigxina kuKhuseleko loLuntu, iMicimbi yezeNkcubeko nezeMidlalo yePalamente yePhondo leNtshona Koloni, imema uluntu ngokubanzi ukuba lutyumbe abantu abafanelekileyo njengamalungu eKhomishoni yezeNkcubeko yaseNtshona Koloni. Abatyunjwa abanyuliweyo baza kukhonza iminyaka emithathu ye-ofisi.

Injongo yeKhomishoni kukugcina, ukukhuthaza nokuphuhlisa inkcubeko eNtshona Koloni ngokuhambelana nomgaqo-nkqubo owiswe nuMphathiswa onoxanduva lweMicimbi yezeNkcubeko. IKhomishoni yezeNkcubeko yeNtshona Koloni yasekelwa ukuqalisa iimfuno zoMthetho weKhomishoni yezeNkcubeko yeNtshona Koloni naMabhunga ezeNkcubeko, 1998 (uMthetho 14 ka-1998), kunye noMgaqo-siseko weNtshona Koloni. AMalungu ale Komiti aza kuba liGunyabantu elinika inkcaza leli qumrhu kwaye aza kuba noxanduva lwayo yonke imiba enxulumene norhulumento ngokwemigaqo yaMacandelo 49 – 57 oMthetho woLawulo lweziMali zikaRhulumente (PFMA), Nombo 1 ka-1999.

Iimfuno:

Abatyunjwa mababe nezi mfuno:

- Babe ngabemi boMzantsi Afrika bobuncinane iminyaka engama-21 ubudala kwaye babe ngabemi abasisigxina baseNtshona Koloni;
- Bamele kangangoko uwahluko lwenkcubeko yabantu baseNtshona Koloni; kwaye
  - bazi ngamandla ubuncinane iilwimi ezimbini kwezintathu ezisemthethweni zaseNtshona Koloni.
  - babe nolwazi lwemiba yezenkcubeko kwaye babe negalelo elibonakalayo kuphuhliso, uphakanyiso nogcino lwenkcubeko ngokunxulumene nabemi baseNtshona Koloni.

Babe nolwazi kunye / okanye amava kokunye koku kulandelayo:

- izifundo zezoshishino;
- izenzo zentengo nolawulo;
- ulwazi nokuqonda ukwahlukana kwezenkcubeko;
- imbali yezenkcubeko, i-anthropholoji yezentlalo, ubugcisa beqonga neelwimi.
- Uhlalutyo notoliko lomgaqo-nkqubo
- Babe namava avakalayo olawulo lwezimali nothotyelelo ngokwemigaqo yoMthetho woLawulo lweziMali zikaRhulumente (PFMA), Nomb 1 ka-1999

Utyumbo malwenziwe kwifomu echaziweyo yotyumbo kwaye mayingeniswe ungadlulanga owe-3 Agasti 2021.

Ifomu yotyumbo iyafumaneka kwiwebhsaythi yePalamente yePhondo leNtshona Koloni eyile: www.wcpp.gov.za. Ikopi ingacelwa kwakhonakwiGosa leMigaqo yeeNkqubo leKomiti eSisigxina, uMnu Waseem Matthews. linkcukacha zonxibelelwano zakhe zezi:

- I-imeyile: wmatthews@wcpp.gov.za
- umnxeba: 021 487 1741

Sikhutshwe nguMnu RI Allen (MPP), uSihlalo weKomiti eSisigxina kuKhuseleko loLuntu, iMicimbi yezeNkcubeko nezeMidlalo